



## WHY IS IT NECESSARY TO CLASS WOOL PROPERLY

### KUTHENI KUBALULEKILE UKUBA USOTE UBOYA NGENDLELA EFANELEKILEYO

NWGA Production Advisor, **Nosiphiwo Salmani** (Queenstown – Region 23)

072 573 0442/ email: [nosiphiosalmani@gmail.com](mailto:nosiphiosalmani@gmail.com)

---

When the shearing season commence, farmers must prepare and be ready and not rush to finish the job. It is important to focus on the following:

1. In order to save money on handling costs (resorting), farmers must ensure that their wool is well classed and properly pressed.
2. Ensure that all the equipment needed in a shearing shed is in place and that the shearing shed is disinfected.
3. Make sure that there are no foreign or loose objects lying around to avoid contamination of wool.
4. Take note of the maximum weight of 180kg for a bale and the minimum of 120kg. Lox can weigh up to 250kg.

Okokuqala kufuneka xa ungu mfama ukhumbule ukuba imfuyo yakho lishishini lakho ujonge ukuba ufumane imali, Lonto ke ithetha ukuba kufuneka xa usota uboya ucoselele nanga phezulu ungangxameli ukuba gqibe ukucheba ngoba xa usenza uphela sonwabe uyalahlekelwa yimali. Uboya ke obunga sotwanga kakuhle kufika kwindawo ezilungiselela intengiso uboya buke kuvulwe bu claswe kakuhle ngalo ndlela ke mfama uyalahlekelwa yimali ngoba ababantu basota uboya babhatalwa nguwe kodwa ubumbhatele umsoti eshedini. Qiniseka Ukuba akubikho ngcoliseko loboya njenge Paint, Utshungu, Uboya obu rhofu, kunye nemisonto yeentambo zesabhokhwe okanye imisonto yeengxowa (polypro bags) nezinye izinto ezingebubo uboya ezinokungena eboyeni okanye ebhalini loboya. Enye into ebalulekile kukuba uboya ubu prese bufike kunzima obungu 120kg ukuya ku 180kg, amalokisi(LOX) wona

uboya ungabupresa buphele ku 250kg. Zonke ke ezizinto zikhankanyiweyo ngentla ziyahambelana ukuba uphose yanye kuzo uyalahlekelwa yimali ngoba ke amabhali ayavulwa ebhayi asetyezwe phambi kokuba asiwe entengisweni ukuba aku sotwanga kakuhle, anongcoliseko naxa enga preswanga ngendlela efanelekileyo. Xa ungumfama esembuthweni we Wool Growers association siyakwazi ukunceda siqeqeshe amafama akwazi uku classa uboya ngendlela efanelekileyo.

Izinto ezibalulekileyo ukuba uzigcine engqondweni xa usebenza ngoboya:

1. Sukungxamela ukugqiba
2. Qiniseka ukuba umntu ngamnye unomsebenzi wakhe nokuba kubekho intsebenziswano
3. Uboya obudala abuxutywa noboya ubosando chetywa
4. Etafileni yoku classa bakungabikho abantu abangaphezulu kwesine ngexesha
5. Abaclasi xa begqagala amabasuse nje ezindawo zingafunekiyo

-ooOOoo-



*The National Woolgrowers' Association of SA (NWGA) offers a production advisory service to all wool producers on contract with Cape Wools SA (CWSA), funded by the Wool Trust.*